



Apha ekhaya, uSuku lwe-Afrika linika abantu baseMzantsi Afrika amathuba okuba baxhumane kwakhona baze bazibophelele ekuxhaseni ungenelelo lukarhulumente ekuphuhliseni i-Afrika nelizwe elibhetele. Umbhoyozo wo-Suku lwe-Afrika ugxininisa indima yoMzantsi Afrika nokuthatha inxaxheba kwi-ajenda yelizwekazi.

UBUSAZI?

- Ukuba uSuku lwe-Afrika luphawulwa njengeHolide yoLuntu kumazwe amathandathu (6): eGhana, eMali, eNamibia, eZambia, eLesotho naseZimbabwe.
- I-AU inamazwe engamalungu angama-55, emva kokuba uMzantsi Afrika ujoyine ngowama-2011.
- IMorocco ijoyine i-AU kwakhona ngowama-2017, emva kokuba yarhoxa kwi-OAU kwiminyaka engama-33 eyadlulayo.
- Ikomkhulu le-AU lise-Addis Ababa, eEthiopia kodwa ingalo yolawulo, iPalamente yase-Afrika, iseMidrand, eMzantsi Afrika.

Ngeenkukacha ezithe vetshe kwiinkonzo ezinikwa yiPalamente, qhagamshelana: ne-Ofisi yeMfundo yoLuntu kwinombolo yomnxeba 021 403 3341 okanye thumela i-imeyile ku-info@parliament.gov.za

Ukubhukisela utyelelo ePalamente, qhagamshelana:

Ne-Ofisi yeMfundo yoLuntu – Utyelelo

Inombolo yomnxeba: (021) 403 2266

Inombolo yefekisi: (021) 403 3817

Idilesi ye-imeyile: tours@parliament.gov.za



PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Usuku lwe-
— Afrika





YINTONI USUKU LWE-AFRIKA?

USuku lwe-Afrika sisikhumbuzo sonyaka sesiseko soMbutho woManyano lwe-Afrika (OAU) ngomhla wama-25 kwekaCanzibe, ngowe-1963. Kolu suku lwembali, amazwe ase-Afrika angamashumi amathathu anesibini (32) adibana e-Addis Ababa, e-Ethiopia ukwakha umbutho. Namhlanje, uSuku lwe-Afrika lubhiyozwa ngamazwe ahlukeneyo kwilizwekazi le-Afrika, nakwihlabathi jikelele.

Lusuku apho umanyano lwe-Afrika, ulwabelwano ngembali nokuzazi kuthatha indawo. USuku lwe-Afrika lusebenza njengeqonga lokwamkela iimpumelelo zezwekazi

USUKU LWE-AFRIKA KUNYE NOMBUMBA YE-AFRIKA

Ukusekwa koMbutho woManyano lwe-Afrika kwazala ukusekwa kweMbumba ye-Afrika ngowama-2002.

Utshintsho lwe-OAU ukuba lube yi-AU lwakhuthazwa ngumnqweno wokukhawulezisa inkqubo yokudityaniswa kwizwekazi kunye nokuvumela i-Afrika ukuba idlale indima yayo efanelekileyo kuqoqosho lwehlabathi, ngelixa ishukuxa iingxaki zoqoqosho lwentlalo kunye nezopolitiko.



IMbumba ye-Afrika ngumzimba welizwekazi ofuna ukuphakamisela i-Afrika kwizinga elifanayo lomanyano. Njengenxenye yomsebenzi wayo ongundoqo, i-AU kwakhona ikwiinzame zokugcina uxolo, uxolelwaniso kunye nokuncedisa kulwanyulo phakathi kwezinye.

Umgangatho womanyano ugxininiswe ngokucacileyo nakwiFlegi ye-AU, nangesi siqubulo: **“I-Africa emanyeneyo neyomeleleyo”**. Ukongeza kule nto, umbala oluhlaza okwiflegi ubonisa ithemba neenjongo ze-Afrika kumanyano.

IFLEGI YANGOKU YEMBUMBA YE-AFRIKA

USuku lwe-Afrika ngoko ke lusetyenziselwa njengexesha lokujonga imingeni i-Afrika esajongene nayo nezinto ezintle eziphumezileyo. Le mingeni iqatshelwe ngokuchanekileyo yi-AU, kungenxa yoko kuye kwamiselwa u**Budlelwane obuTsha bokuPhuhliswa kwe-Afrika (NEPAD)**. Eli qumrhu lifuna ukushukuxa uphuhliso lwe-Afrika ngokukhuthaza idemokhrasi, amalungelo



oluntu, ukuphendula, ukungafihlisi kunye nolawulo oluvumela abantu bathathe inxaxheba.

Enye impumelelo yakutshanje yelizwekazi ephawulekayo kukutyikitywa kwe**Ndawo yoRhwebo oluKhululekileyo leLizwekazi le-Afrika (ACTFA)**, esona sivumelwano sikhululekileyo sorhwebo sikhulu ukususela ekuyilweni koMbutho woRhwebo weHlabathi. Iinkokheli ze-Afrika zatyikitya isiBhengezo seKigali (*Kigali Declaration*) ekusekweni kwesivumelwano sorhwebo kwiNdlu yoWiso-mthetho yeNdibano yabaThunywa eKhethekileyo ye-10 yeMbumba ye-Afrika eyayiseKigali, eRwanda ngomhla wama-21 kweyoKwindla ngowama-2018.

Injongo kukwenza imakethe yelizwekazi enye yezinto ezithengiswayo kunye neenkonzelo, evumela iintshukumo ezikhululekileyo zabantu abashishinayo.

Ukwenzela ukuba ilizwekazi libe neembono ezifanayo, iMbumba ye-Afrika iphuhlise indlela ebizwa ngokuba yi-**Ajenda 2063**, eya kukhokelela i-Afrika ekudibaneni, kwimpumelelo kunye noxolo.

USUKU LWE-AFRIKA LUBHIYOZELWA NJANI?

Le misebenzi ilandelayo yenzeka ngolu suku:

- Imisebenzi ejolisa kubugcisa base-Afrika, umdaniso, umbongo, umculo kunye nefeshini.
- Iingxoxo kwimiba enika umdla echaphazela ilizwekazi efana nexenophobia.
- Ucweyo nemiboniso.
- Imidlalo enjengebhola ekhatywayo

USUKU LWE-AFRIKA KUNYE NEPALAMENTE YERIPHABHLIKI YOMZANTSI AFRIKA

IPalamente iyawaxhasa amanyathelo e-AU wongenelelo ngoxolo kungquzulwano kwilizwekazi. Ekuhambisaneni nemigaqo-nkqubo yeriphabhliki yamazwe aphantsi, iPalamente yoMzantsi Afrika izibandakanya ngokukhawuleza neepalamente zamanye amazwe apho uMzantsi Afrika uye wabandakanyeka kwiinzame zokwakha uxolo.

IPalamente yeRiphabhliki yoMzantsi Afrika ithatha inxaxheba kwimibutho emininzi e-Afrika, kuquka kwingalo yolawulo lwe-AU, iPalamente yase-Afrika (Pan African Parliament) kunye nakwiQonga lePalamente leQumrhu loPhuhliso laMazwe aseMazantsi e-Afrika (SADC PF). Njengenxenye yemibhiyozo yoSuku lwe-Afrika, iPalamente iyadibana ngolu suku ize ixoxe imiba engalunganga enemiceli-mingeni kuluntu, kuqoqosho kunye nepolitiki.